Home of Examinations and Assessment, Zone 6, Zwelitsha, 5600
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA, Website: www.ecdoe.gov.za

# 2025 NSC CHIEF MARKER'S REPORT

| | | | |
|---|---|---|---|
| **SUBJECT** | **ISIXHOSA HL** | | |
| **QUESTION PAPER** | **1** | | |
| **DURATION OF QUESTION PAPER** | **2hrs** | | |
| **PROVINCE** | **EASTERN CAPE** | | |
| **NAME OF THE INTERNAL MODERATOR** | **GCOBISA BUNGA** | | |
| **NAME OF THE CHIEF MARKER** | **NOMFUNDO FUDUMELE** | | |
| **DATES OF MARKING** | **01 – 12 DECEMBER 2025** | | |
| **HEAD OF EXAMINATION:** | **MR MABONA** | | |

**SECTION 2: Comment on candidates' performance in individual questions**

| |
|---|
| **QUESTION 1**<br>Bambalwa abafundi abafumene ngaphezulu kwama-20, uninzi lwabafundi luhleli kumanqaku angaphantsi kwama-20, kude kukho nabangaphantsi kwe-10. |
| **General comment on the performance of learners in the specific question. Was the question well answered or poorly answered?** |
| 1.2 Babhala iimpendulo zika 1.3 ku 1.2 – abawufundisisanga umbuzo nomhlathi wetekisi ingakumbi amagama 'okubonakala kuzo ukuxaka' bahambe nomrhiba ka 'iyaxaka okwisivakalisi esilandelayo emhlathini.<br><br>1.4 Baphendula bathi – Abonwabileyo, abanomsindo - Babethiwe kukunqongophala kwezakhono zokufundela ukuqonda, baxhomekeke kakhulu ekukhupheleni okukwisicatshulwa bengevanga ukuba umbuzo ufuna ntoni ngoku kukwisicatshulwa.<br><br>1.5 Baninzi abafumene inqaku elinye -abathi 'Mhlawumbi okosana' ngokungathi kuthiwe makachonge amagama amabini alandelelenayo. Bathatha nje kwigama lesibini abalithathelanga ngqalelo igama '...siyayithandabuza...'<br><br>1.9 Baphendula ngesimamva sesinciphiso okanye isixando sokwenzana. Balithathe kakhulu icala lempoxo bakugqiba baphendule ngobuncinci bentliziyo nomlilo. Babethwe kukungazazi iimpawu zokuncoma nokuphoxisa / abanaso isigama abanokusisebenzisa ukuveza ukuncoma/ukuphoxisa.<br><br>1.10 Bathi ulonwabo okanye ukuzithemba. |

1.12. Kufuneka impendulo evelela omabini amacala nanjengoko ingumbuzo othelekisayo – bona banika icala elinye.

1.13 Endaweni yokunika ingcamango ephambili yomhlathi bakhuphela izivakalisi ezikula mhlathi ngobunjalo bazo.

1.14 Babethwe yimiqathango yokuCaphula isivakalisi, bacaphula bashiye esithubeni okanye babhude upelo lwegama elithile, olo pelo lulahle intsingiselo, umz; abupheli endaweni ka Abupheleli...

1.18 Bathetha gabalala, umbuzo abawufundisisanga uba ufuna okwenzeka emfanekisweni. Bathetha ngokwazi kwabo ukubaluleka komlilo.

1.19 Abohluleli ukuba ukuzithoba kufuneka azixhase ngokwenzeka emfanekisweni, uzinyuse azixhase ngokwenzeka kumhlathi wesi-6. Basuka bathethe kungekho nto athethela phezu kwayo – ozithoba/ uzinyuse.

**Why was the question poorly answered? Also provide specific examples, indicate common errors committed by learners in this question, and any misconceptions.**

1.1, 1.2 & 1.3 bazibhidanisile iimpendulo bakhangeleka bejonga igama elisembuzweni 'ukuxaka' bakhangele lona kumhlathi, basithathe sonke eso sivakalisi bengasifundisanga.

1.5. abawuvanga umbuzo ukuba bachonga amagama atheni, bakhangelela beqhele ukuchonga amagama amabini alandelelenayo.

1.9 Baphendula ngokuncitshiswa kweentliziyo nomlilo.

1.10. Bathi ulonwabo okanye ukuzithemba.

1.12 Banika impendulo yecala elinye, abakwazi nokuzidibanisa ngesakhi u'zi/ zombini'.

1.13 Abakwazi tu ukubhala ingcamango phambili yomhlathi.

1.14 Abakakwazi ukucaphula njengoko beyalelwe ngumbuzo.

1.18 & 1.19 Abayifundisisi imibuzo phambi kokuba baphendule.

Provide suggestions for improvement in relation to Teaching and Learning.

Mabafundiswe ukuqaphela izenzi ezisembuzweni njengoko zichaziwe kwiCAPS. Xa befundiswa lo mbuzo makuqatshelwe iindlela zokuphendula nokulindelekileyo umfundi xa ephendula olo hlobo lombuzo. Mabaqaphele nokubuzwayo, umzekelo – isizathu, injongo, umyalezo, ingcamango ephambili, njalo njalo, ukuze bakwazi ukunika impendulo echanekileyo.

**Describe any other specific observations relating to responses of learners and comments that are useful to teachers, subject advisors, teacher development etc.**

| |
|---|
| Kusaphawuleka ukuba kufuneka ngamandla ukuncediswa kootitshala ekukorekisheni nasekukwazini ukudibanisa impendulo yomfundi noko kukwisikhokelo sokumakisha. Ootitshala bayacetyiswa bazenzele iindibano zabo ngokweeklasta, apho bonke ootitshala ebebeye kukorekisha kulindeleke ukuba babelane nabanye ngezakhono zokukorekisha la maphepha esiXhosa.Ootitshala mabazame ukumane bedibana ngokokusondelelana kwabo bafundisane iindlela zokukorekisha.<br><br>Abacebisi-besifundo bayacetyiswa ukuba kwezi mvavanyo zeekota zisetwa zizithili makuququzelelwe indibano yokuxoxa ngeempendulo (Marking guideline discussion) kwezo ndibano khe kukorekishwe ukuze kwabelwane ngamava, izakhono neendlela ezilindelekileyo xa kukorekishwa iimpendulo zolo vavanyo.<br>Ngamaxesha eentlanganiso zezithili neSBA Moderation kuyacelwa ukuba uqwalaselwe ngamandla umba wemiyalelo yokumakisha ukuncedisana nootitshala ekukorekisheni.<br><br>Teacher development makanxibelelane rhoqo necandelo labacebisi besifundo ukuze xa eququzelela ukwenza iiWorkshops agxile kanye kwezi ndawo ootitshala basilela kuzo. |

| **QUESTION 2** |
|---|
| **General comment on the performance of learners in the specific question. Was the question well answered or poorly answered?** |
| Abafundi baqhube kakuhle kodwa ngaphantsi kuneAvarage ka 2024, abasokolanga ukufumana iingongoma eziphambili abaninzi, abanye ke babethwe kukungafundisisi injongo yokushwankathela. Basekhona abaxhomekeka ekukhupheleni isivakalisi sokuqala somhlathi ngamnye. |

| |
|---|
| **Why was the question poorly answered? Also provide specific examples, indicate common errors committed by learners in this question, and any misconceptions.** |
| Abawufundisisanga umbuzo beve injongo yokushwankathela, babhala iingongoma ezingaphenduli mbuzo. Bayakubhidanisa okwenzeka kwiEnglish FAL nakwisiXhosa HL malunga nemiyalelo yokushwankathela. |

| |
|---|
| **Provide suggestions for improvement in relation to Teaching and Learning.** |
| Makusoloko kufundiswa okufunwa ngumbuzo, oko kukuthi, injongo yokushwankathela. Makufundiswe ukusetyenziswa kwesigama esitsha xa umfundi ebhala isishwankathelo sakhe. Mabafundiswe ukuchonga iingongoma eziphambili belawulwa yinjongo yokushwankathela hayi isivakalisi sokuqala emhlathini. Uphawu lobhalo olusisingxi emva kwengongoma nganye malusetyenziswe ngabafundi. |

| **Describe any other specific observations relating to responses of learners and comments that are useful to teachers, subject advisors, teacher development etc.** |
| --- |
| Kubalulekile ukuba bafundiswe, baqeqeshwe ngokuzingileyo kwesi sakhono sokushwankathela. Makugxilwe kulo mqolo ungumbuzo oya kubafundi malunga neenjongo zokushwankathela. Mabaqhelaniswe nokusoloko benikwa imisebenzi yaseklasini yokushwankathela rhoqo, bangayinikwa nje, bafundiswe ngayo de bakwazi ukudibanisa okufunwa ngumyalelo nokuchonga ezona ngongoma zihambelana noko.<br>Mabanikwe imisebenzi yokushwankathela izicatshulwa ezikumaphepha-ndaba esiXhosa ukuvuselela umdla wabo. Kuyacetyiswa ukuba ootitshala basebenzise isikhokelo sokumakisha isishwankathelo ngokuchanekileyo ukuncedisa nokufundisa abafundi indlela yokushwankathela. Ootitshala mabagxile ekufundiseni abafundi indlela yokwakha izivakalisi. Ootitshala mabawubethelele umahluko phakathi kwezi lwimi zimbini malunga nokushwankathela. |

| **QUESTION 3** |
| --- |
| **General comment on the performance of learners in the specific question. Was the question well answered or poorly answered?** |
| Abafundi baqhube kakuhle kulo mbuzo.  Isekho ingxaki yokungehluli phakathi kwegama/ibinzana kwimibuzo efuna uChonga/caphula. Abakaluqondi ncam ulwimi olusetyenziswa kwizibhengezo.<br><br>Usekhona umngeni kootitshala kumakisho lwalo mbuzo.  Akululanga kubo ukumamela iimpendulo zabafundi bazidibanise nokudakancwe kwiMarking giudeline.<br><br>3.2 Bangqina ngezinye izivakalisi ezikwisibhengezo ezingenabo obokwahluka kweendondo zakwaRay-Ban obufunwa ngumbuzo.<br><br>3.3 Abohluli phakathi kwebinzana negama kuba uninzi lwabo lubhala u'uzibhutyule' kuphela okanye bathathe 'Ungade uqhotse'. Abawufundisisi umbuzo. |

| |
| --- |
| **Why was the question poorly answered? Also provide specific examples, indicate common errors committed by learners in this question, and any misconceptions.** |
| Baqhube kakuhle kakhulu abafundi kulo mbuzo, bakhona abawafumana olishumi amanqaku. Imibuzo ibingajikelezi ibifuna ngqo okukwisibhengezo. Nombuzo gabalala (3.5) lo badla ngokulahla kuwo amanqaku, indlela ububuzwe ngayo ibancedile kakhulu bakwazi ukuza neempendulo ezingqalileyo. Bakuqaphele ukwahluka kwethoni ka'nga' kwigama 'ungade'. Umbuzo obabethileyo ngu 3.2. – abalazi ibinzana. |

| |
|---|
| **Provide suggestions for improvement in relation to Teaching and Learning.** |
| Abafundi mabafundiswe ukucazulula nokutolika isibhengezo ntengiso. Makufundiswe neendlela zokuphendula imibuzo yesibhengezo. Abafundi mabanganikwa imibuzo yamaphepha eminyaka edlulileyo bengafundiswanga kuqala. Kubaluleke kakhulu ukuba baqale babenolwazi. |

| |
|---|
| **Describe any other specific observations relating to responses of learners and comments that are useful to teachers, subject advisors, teacher development etc.** |
| Kusakhuthazwa kakhulu ukuba kusetyenziswe uxwebhu olubizwa "**SURVIVAL GUIDE"** luneenowuthsi zesiXhosa, lonke ulwazi olufunekayo malunga nokufundiswa kwezibhengezo ntengiso lukhona.<br>Abafundi mabaqale baxhotyiswe ngalo lonke ulwazi olusisiseko lokuhlalutya izibhengezo-ntengiso. Mabangafundiswa ngokunikwa imisebenzi ekumaphepha eemviwo zeminyaka egqithileyo qha. Mabaqale babenolwazi ze kulandele imisebenzi. Ootitshala mabalusebenzise kakhulu ulwazi neenowuthsi ezimana zikhutshwa ngabacebisi besifundo ezithilini zabo. Mabakhuthazwe abafundi bamamele izifundo ezenziwa kunomathotholo nezishicilelweyo. Abacebisi besifundo mabancedise ootitshala bakhethiswe izibhengezo-ntengiso ezifanelekileyo, bancediswe nasekuyileni imibuzo esekwe ngokwamazinga nemigangatho yobunzima eyahlukeneyo ngokweemfuno zeCAPS neExamination guideline. |

| **QUESTION 4** |
|---|
| **General comment on the performance of learners in the specific question. Was the question well answered or poorly answered?** |
| Abaviwa baqhube kakuhle kulo mbuzo, bawafumene amanqaku kude kukho nabawafumana olishumi. Babethwe ngumbuzo 4.2 kuba basuke balibhale lonke ibinzana elingabhalwanga ngokupheleleyo kwikhathuni.<br><br>4.2 Balibhala ngokupheleleyo hayi ngohlobo elililo kwisakhelo soku-1.<br><br>4.4. Bashiyelela ukuzenza ngathi akaboni...babhale ukuba ufuna ukuxela uZuzu. |

| |
|---|
| **Why was the question poorly answered? Also provide specific examples, indicate common errors committed by learners in this question, and any misconceptions.** |

| |
|---|
| Abakulandelanga ngendlela okufunwa ngumbuzo. Basafuna ukuqeqeshwa bakwazi ukuphendula umbuzo ofuna injongo. |

| |
|---|
| **Provide suggestions for improvement in relation to Teaching and Learning.** |
| Mabafundiswe ukucazulula nokuhlalutya ikhathuni. Mabaqeqeshwe ngemibuzo esesikweni njengoko iCAPs neExamination guideline zicacisa. Mabakhuthazwe babukele neenkqubo zoopopayi kumabonakude batolike okwenzekayo. Mayifundiswe ikhathuni yonke kuqwalaselwe nobuchule obusetyenziswe ngumzobi. |

| |
|---|
| **Describe any other specific observations relating to responses of learners and comments that are useful to teachers, subject advisors, teacher development etc.** |
| Kukhuthazwa kakhulu ukusetyenziswa koxwebhu olubizwa "**SURVIVAL GUIDE"** luneenowuthsi zesiXhosa ezinalo lonke ulwazi olufunekayo malunga nokufundiswa kweekhathuni.<br>Ootitshala mabancediswe ngabacebisi besifundo bakhethiswe iikhathuni ezifanelekileyo, bancediswe nasekuyileni imibuzo esekwe ngokwamazinga nemigangatho yobunzima eyahlukeneyo ngokweemfuno zeCAPS neExamination Guidelines. |

| **QUESTION 5** |
|---|
| General comment on the performance of learners in the specific question. Was the question well answered or poorly answered? |
| 5.2 Babethwe lupelo lwesininzi.<br>5.3. Nobuhlobo bakwenza umntu hayi isenzo sokuhlobana.<br>5.5 Uninzi luqala ngokuthi Yinyani. Emke amanqaku kwangoko kuba oko kuthi akawuvanga umbuzo.<br>5.8 Baphendula ngokwenzela nokwenzisa okanye umenzi enze kunye nabo, kanti impendulo ifuna yena angabikho enze abanye benze. |